URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Masivelane Jita**
ICandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule
Masivelane.Jita@westerncape.gov.za | 021 467 2224

Inombolo yefayili: 3/3/3/1
Isalathiso: 20240730-5587

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0010/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, neeNtloko zawo onke amaziko emfundo

**Isihloko: Iskim seebhasari sabaqeshwa benkonzo karhulumente zokufunda ngokungesosigxina kunyaka wokufunda wama-2025**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i-*WCED*) licela bonke abaqeshwa benkonzo karhulumente abanqwenela ukwenza izifundo ngokungesosigxina ngo-2025 ukuba benze isicelo sebhasari.

2. Ukungqinelana noMthetho i-*National Qualifications Framework* (*NQF*) *Act,* 2008 (*Act* 67 of 2008), njengoko ufakelwe izilungiso, neemfuno ezimiselweyo zezithuba zabaphathi abaphakathi nabakhulu (*middle management and senior management*), iSebe i-*WCED* liya kuqala likhethe abaqeshwa benkonzo karhulumente abanqwenela ukuphucula amabanga emfundo yabo abe kwinqanaba lesidanga (*degree-level*) (*NQF* 7) okanye abanqwenela ukwenza izifundo ezibakhokelela kwinqanaba lediploma kazwelonke (*national diploma* (*NQF* 6)) okanye elesidanga sokuqala i-*undergraduate degree* (*NQF* 7) kunye nesidanga sasemva kokufumana isidanga i-*post graduate degree* (*NQF 8*).

3. Kukho isixa-mali esiqingqiweyo sama-R60 000,00 ngomntu ofumana inkxaso-mali yokufunda (*bursary holder*) ngamnye esilungiselelwe amabanga emfundo e-*NQF* 8. Ngoko ke, ukuba iifizi zokufunda zingaphezulu kwesi sixa-mali, umntu ofumana inkxaso-mali yokufunda (*bursary holder*) uya kuba noxanduva lokuhlawula isixa-mali esiyintsalela.

4. Iibhasari ziya kunikwa kuphela abenzi-sicelo ukuba:
   (a) bangabemi baseMzantsi Afrika;
   (b) bangabaqeshwa abasalingwayo emsebenzini/bangabaqeshwa abaqeshwe isigxina (abaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho i-*Public Service Act*, 1994 (*Proclamation*) 103 of 1994);
   (c) bayazifezekisa iimfuno zokwamkelwa kwiZiko leMfundo ePhakamileyo (*Higher Education Institution*) (*HEI*) elichaphazelekayo
   (d) banobungqina bokuba basenzile isicelo okanye banekopi yerisithi yentlawulo evela kwi-*HEI* yonyaka wokufunda ka-2025;


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

(e) bazimisele ukwenza izifundo ngokungesosigxina ngo-2025;
(f) bafundela ukuzuza ibanga lemfundo le-*undergraduate qualification*; yaye
(g) abayifumananga enye ibhasari karhulumente okanye nayiphi na enye ibhasari.

5. Zonke izicelo ziya kuphononongwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:
   (a) ukufaneleka kwenkalo yesifundo ekujoliswe kuyo ngokunxulumene neemfuno zobuchule zexesha langoku nezexesha elizayo zeSebe i-*WCED;*
   (b) imfuno yecandelo elichaphazelekayo yezakhono ezithile okanye ezinqabileyo;
   (c) ubulungisa kwezengqesho (uhlanga, isini, nokhubazeko);
   (d) ukuba ngaba abenzi-sicelo basuka kwiindawo zasemaphandleni na okanye kwezasezidolophini;
   (e) ukufaneleka kwezifundo kwinkcazo yomsebenzi othile;
   (f) amanqanaba omvuzo nokufumaneka kwemali;
   (g) amabanga emfundo okuqala ethelekiswa namabanga emfundo esibini; kunye
   (h) nengcebiso yesuphavayiza nekufuneka iqhotyoshelwe kwisicelo.

6. Azisayi kuqwalaselwa izicelo ezifike emva kwexesha elimiselweyo, ezingazaliswanga ngokupheleleyo nezithunyelwe ngefeksi okanye apho ingabonakaliyo into ebhaliweyo. Zonke izicelo kufuneka zingeniswe phambi okanye **ngoLwesihlanu, we-06 kweyo Msintsi 2024 ngo-16:00**.

7. **Kucelwa nithathele ingqalelo, ukuba amagosa eSebe i-*WCED* awakhuthazwa ukuba afunde kwiiKholeji ezizii-*Technical Vocational Education Training colleges* njengokuba amabanga emfundo azo engakhokeleli ku-*NQF* 7.**

8. Kuya kuqwalaselwa kuqala izicelo zezi nkalo zezifundo zilandelayo, apho kukho ukunqongophala kwabasebenzi abaqeqeshiweyo kunye/okanye imfuno ezingileyo kwiSebe i-*WCED*:

| | UDIDI LWEBANGA LEMFUNDO | INKALO/ICANDELO LESIFUNDO |
|---|---|---|
| (a) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Financial Management Systems, Financial Accounting, Management Accounting, Auditing* |
| (b) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Supply Chain Management* |
| (c) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Human Resource Management or Development* |
| (d) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Public Administration* |
| (e) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Information System/Information Technology* |
| (f) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Law/ Industrial Relations* |

| | | |
|---|---|---|
| (g) | *Degree (NQF 7)/ Diploma NQF 6 (leading to NQF 7)* | *Archives and Records Management* |

9. Abenzi-zicelo mabasebenzise le linki ukufaka izicelo: https://cscbursaries.westerncape.gov.za/

10. Abenzi-sicelo mabafake (*upload*) la maxwebhu alandelayo ngekhompyutha:
    (a) inkcazo ebhaliweyo yoqikelelo lweendleko zokufunda (ezokubhalisa nezezifundo) evela kwi-*HEI* zonyaka wokufunda ka-2025 (le ngcaciso iyafumaneka kwi-*HEI*);
    (b) ingcebiso zesuphavayiza yabo nezizathu ezithethelela isicelo;
    (c) imvumelwano yentsebenzo efunyenwe/ekhutshelwe kwiSistim i-*Performance Management Information System* kunye;
    (d) nobungqina besicelo okanye ikopi yerisithi yentlawulo evela kwi-*HEI*.

11. Ikomiti yebhasari iya kuqwalasela zonke izicelo yaye inike iingcebiso malunga nokukhutshwa kweebhasari. Linani lezicelo ezifunyenweyo nemali efumanekayo eziya kumisela inani leebhasari ekuya kunikezelwa ngazo.

12. Umenzi-sicelo ngamnye ophumeleleyo kuya kulindeleka ukuba angene kwimvumelwano emiselweyo yebhasari (*bursary contract)* neSebe i-*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka ngonyaka ngamnye anikwe ngawo ibhasari yaye ayithobele yonke eminye imigqaliselo ekhankanywe kwimvumelwano.

13. Ngayo nayiphi na imibuzo enxulumene nezicelo zebhasari zabaqeshwa benkonzo karhulumente ukwenzela u-2025, kuyacelwa niqhagamshelane noMasivelane Jita kule nombolo yefoni 021 467 2224 okanye nge-imeyili; Masivelane.Jita@westerncape.gov.za. Enye indlela kukuqhagamshelana noYolani Mbali kule nombolo yefoni 021 828 3387 okanye nge-imeyili apha; Yolani.Mbali@westerncape.gov.za.

14. Kucelwa niqinisekise ukuba bonke abaqeshwa benkonzo karhulumente abakwicandelo lakho banolwazi ngokukule ngcaciso imfutshane ukwenzela ukuba bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE**: NGU-LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2024-08-05